



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2020**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2  
ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 80**

---

Le memorandum inamaphepha angama-25.

---

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekisha kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akuvumelekanga ukuba aphenjule umbuzo osisincoko nombuzo omfutshane kudidi olunye kwijenri enye.)**
2. Xa umviwa ephenjule yomine imibuzo kwiCANDELO A (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.
3. Xa umviwa ephenjule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCANDELO B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphenjule yomithathu imibuzo (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphenjule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.
4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.
5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokuchanekileyo, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.
6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabane loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.
7. *Imibuzo esisincoko*  
Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu. Sebenzisa irubriki yokuhlola ekwisihlomelo esinguA nesinguB ukuhlola izincoko zabaviwa.
8. *Imibuzo emifutshane*  
**Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.
9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.
10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/ BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO. Makisha impendulo exhasayo.
11. Iimpendulo zemibuzo emifutshane mazihloliswe ngokupheleleyo kwayanywe kwiingxoxo eziqhubekela ngexesha lobekomgangathweni lwesikhokelo sokukorekisha.

**ICANDELO A: ISIHOBE****IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane****UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)****IIMBONGI – Z.S QANGULE**

**Amanqaku ali-10 ewonke kulo mbuzo. Ama-6 ngawomxholo aze ama-4 abe ngawolwimi kunye nesimbo.**

**Sebenzisa irubrikhi esisihlomelo A.**

- Sebenzisa ezi ngongoma zilandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo.
- Iimpindulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-30 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Kulo mbongo imbongi isebenzise isikweko ukusukela kumqolo woku-1 ukuya kumqolo we-12, ukuphuhlisa imisebenzi yeembongi nokubaluleka kweembongi kwintlalo yoluntu.
- Kumqolo woku-1 isebenzise isikweko, ngokwakwaXhosa inkedama ngumntwana ongenabazli. Ngokwalo mbongo siphuhlisa ingxolo/ isikhalo esenziwa ziimbongi xa zifuna ukugqithisa umyalezo eluntwini nakubaphathi egameni loluntu.
- Kumqolo wesi-3 imbongi ifanisa umsebenzi othi wenziwe ziimbongi nowamagqirha, msebenzi lowo wokuvumbulula iimfihlelo zitsho zaziwe luluntu.
- Kumqolo wesi-4 iimbongi zifaniswa namaxhala ngokuthetha apho zithanda khona njengoko zingenayo imiqathango eziyibophelelelayo.
- Kumqolo wesi-5 kuboniswa uburhabaxa ezinabo nanjengoko zikwanabo nobuchule bokusebenzisa amagama. Loo nto imbongi iyifanise nomntu oye aphulukwe enkundleni kuba ekruquke kukubamba ucwangco abe enento emtshisayo malunga nengxoxo leyo iqhubekayo. Sikwaboniswa ukuba imbongi ayinathuba litheni koko ivele idanduluke kwakufika into etshoyo igqabhuzo imbilini yayo.
- Umqolo wesi-6 imbongi ifanisa iimbongi nooxholovane, ngokwakwaXhosa ooxholovane ngamakhwenkwe amadala anamava ke ngoko. Ngokwalo mbongo eli gama liphuhlisa ukuba iimbongi ngabantu abanamava okuxoxa enkundleni.
- Umqolo wesi-7 ngenxa yolwazi oluphangaleleyo ezinalo iimbongi zinxulumaniswa nezazi ngobukrelekrele njengoko zisazi neemfihlelo ekungelula ukuzitolika.
- Umqolo wesi-8 imbongi ifanisa iimbongi namakholwa ukuphuhlisa ukunyaniseka kwazo kumsebenzi eziwenzayo.
- Umqolo we-9 kunxulunyaniswa kumsebenzi eziwenzayo wokuthetha inyaniso ethi ishiye isizwe siphile ngenxa yokufumana ulwazi oluluncedo kwizinyanya.
- Umqolo we-10 uphuhlisa ukuba iimbongi zivuselela ubuzwe kuthi kuba kuthi kwakubakho ukungevani okanye ukungaboni ngasonye kwizizwe, zona ziye zibonge zichaphazele undonakele zinika umkhombandlela kwesosizwe siphume ecaleni. Zitsho izizwe zithandane zixabisane.
- Umqolo we-11 uphuhlisa ukuphuphuma kwezimvo zembongi ngenxa yobuninzi bazo.
- Umqolo we-12 uphuhlisa ubuninzi kwaye zixubile zahlukahlukene kwaye zinika ulwazi oluninzi ngokubonga kwazo.

**[10]**

- Umqolo we-13 nowe-14 iimbongi zothulelwa umnqwazi ngenxa yomsebenzi wazo omhle nochanekileyo wokubonga. Ziingoompondo zihlanjiwe.
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### INTLIZIYO YAM – C NQAKULA

- 2.1 Umongo wesitanga sokuqala salo mbongo ziingxaki ezidalwa yintliziyo kumniniyo.√√/ Bubunzima obuthwelwe ngumnintliziyo ngenxa yeengxaki eza nazo intliziyo. √√ (2)
- 2.2 Linika intsingiselo yokulingana kwamandla entliziyo ekwenzeni ezi zinto zahlukeneyo izenzayo ngokwale miqolo mibini. √√ (2)
- 2.3 Sidalwe ngerhayimu ekwimvano siphelo√√/ Sidalwe ngerhayimu engu abba cddc eeff gg kwimvanosiphelo.√√ (2)
- 2.4 Kukutyhila ukuba intliziyo inamacala amabini – icala elibi necala elihle. √√/ kukutyhila ukuba intliziyo iyingxaki efunekayo√√/ kukubonisa ukuba intliziyo iyingxaki nangona ifuneka nje. √√ (2)
- 2.5 Imbongi ivakala ixakiwe yintliziyo ethi ikhathazwa yiyo ibe iyifuna √√/ ivakala inempixano ngentliziyo eneendawo ezikhethekayo nezingafunekiyo√√/ ivakala ingenasisombululo ngemeko yayo nentliziyo yayo ethi ngoku iyingxaki ibe iyidinga. √√ (2)

[10]

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### INGOMA KAVELAPHI – J.J.R JOLOBE

- 3.1 Ngowokuba uVelaphi ngokombono wembongi usendleleni egodukayo ngololiwe esuka kwilizwe lentsebenzo√√/ ngowokuba intliziyo kaVelaphi inombono wakhe egoduka ngololiwe emva kwexesha elide engasagoduki.√√/ ngoweenkumbulo zikaVelaphi noxhaliseko analo ngexesha alihleli eGoli ekude nosapho nethemba lokugoduka abone usapho. √√ (2)  
(Nayiphi na kwezi)
- 3.2 Linika intsingiselo yelizwe elingenamida njengeli akulo, apho angambona nanini umntu azalana naye okanye amthandayo.√√/ Linika intsingiselo yelizwe elinezinwe elingenazimbophelelo. √√ (2)  
(Nayiphi na kwezi)
- 3.3 Ludalwe ngokuphindaphinda ibinzana “kwilizwe lobawo” kumqolo wokugqibela wesitanga ngasinye √√/ ngokuphindaphinda ibinzana “sithandwa sam” kumqolo wokuqala kwistanza ngasinye.√√/ ngokulinganisa inani lemiqolo kwizitanga ezininzi zalo mbongo. √√ (2)  
(Nayiphi na kwezi.)

- 3.4 Kukukhalazela/ kukukhuza isenzo samadlagusha sokuhlutha abamnyama amalungelo omhlaba nokuhlalisana njengamakhaya kwilizwe labo√√/ Kukukhuza/ kukukhalazela ifuthe lempatho gadalala kwabamnyama ngenxa yokuya kusebenza ezimayini.√√/ ukukhalazela ukuchithwa kweyona nto ibalulekileyo eluntwini -ukuba lusapho kosapho ngenxa yokusebenza ezimayini. √√  
( Nayiphi na kwezi.) (2)
- 3.5 UVelaphi uyazisola/ uyazibetha/ uyakhalaza ngokutyeshelaka koko afanele ukuba uyakwenza njengomnisapho.√√  
[Nayiphi na kwezi] (2)
- [10]**

#### UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

##### ITHEMBA – S.E.K MQHAYI

- 4.1 Umongo wesitanga sokuqala ngowokuba akukho nto sinokuyenza, singenakuzuzwa nto elizweni singenathemba kuba liyiyona nto siqalela kuyo ukusebenza.√√/ Ngowokuba ithemba libaluleke kakhulu ebomini bethu kuba lifuneka kuyo yonke into esicinga ukuyenza kubomi bethu. √√  
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 4.2 Unika intsingiselo yokuba ukungabinathemba kumenza umntu afane nongekhoyo kuba akakwazi kwenza nto lingekho.√√ (2)
- 4.3 Ngokwenza isitanga ngasinye sibe nemiqolo emine. √√  
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 4.4 Kukuthundeza abantu ukuba bazame ukuba nethemba.√√/ kukwazisa abantu ngokubaluleka kwethemba kubomi babo. √√/ kukomeleza abantu ngokukhuthaza ukuba nethemba.√√  
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 4.5 Ixhalabile/ inokuxhalaba kangokuba izibona kufuneka ibathethelele ngokwayo abangenathemba kumnikithemba.√√/inoloyiko lokuba bangathi kanti balincamile abantu ithemba ikubonisa oko ngokubathethela ibacelela ithemba kumnikithemba.√√  
[Nayiphi na kwezi] (2)
- [10]**

#### ISIHOBE ESINGAFUNDISWANGA ( UKUBA USIPHENDULE)

##### UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

##### UGAWULAYO – BEWUZANA M.P

- 5.1 Yimfanozandi/ isetyenziselwe ukudala irhayimu ngezandi/ kukudala isingqisho/ kukuwenza mnandi umbongo endlebeni √ (2)
- 5.2 Linika intsingiselo yokuba abantu ekuthethwa ngabo banemizimba eyondlekileyo/ emihle/ esempilweni.√√  
[NAYIPHI NA KWEZI] (2)

- 5.3 Umqolo wesi-8 wakhiwe ngamagama amathathu ukanti umqolo we-9 wakhiwe ngamagama amane √√ (2)
- 5.4 Kukusebenzisa izikhuseli// abangekatshati bangabelani ngesondo phambi komtshato// abanamaqabane bathembeke kumaqabane abo.√ [Nasiphi isibini kwezi] (2)
- 5.5 Yimfundiso yokuba ugawulayo sisifo esibulalayo nekubalulekileyo ukuba abantu bazikhusele ngandlela zonke kuba sisaxake noogqirha ayikabikho indlela yokusinyanga√√ [Nayiphi impendulo echanekileyo] (2)

[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI****INOVELI****UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)****INKAWU IDLIW' ILILA – S Kula**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpindulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Umbhali kule noveli ubhentsisa ulwaphulo mthetho olwenziwa esipoliseni ukubonisa ukuba akatshotshelani nezenzo zolwaphulo mthetho eziqhubeka esipoliseni.
- Abenzi bobubi/izaphuli mthetho zasesipoliseni ziyaphumelela ukuqulunqa ulwaphulo mthetho zize zingaphumeleli ukufumana iziqhamo zazo ebezijonge kuzo ngokwenza ulwaphulo mthetho. Oko kukodwa kususiboniso esifundisa nabani owaphula umthetho ukuba ahambele kude kulwaphulo mthetho.
- uMapheza olwa ulwaphulo mthetho uyaphumelela ukubamba abophuli mthetho abafumane bafumane isohlwayo ngezenzo zabo eziphuthileyo bade babe baphelelwe ngumsebenzi.
- uNqoza ohambisene nabophuli mthetho ugqibele efumana isohlwayo ephelelwa ngumsebenzi noxa wayengangenanga ngokupheleleyo, ukuhambisana oku nezaphuli mthetho kumenze wafumana isohlwayo.
- uThantaswa oyintshatsheli yolwaphulo mthetho akancedekanga konke konke kulwaphulomthetho alwenzileyo wade wabe ufumana izohlwayo ngezohlwayo. Esinye ibe kukungaphumeleli kwelinge lokufumana iimali zelifa likaMsindisi abencwase ukuba yindlalifa yalo. Unyhobhe abaninzi nabo abaye bangena kulo mhadi bambi bengaqondanga. Abancedisi bakaThantaswa abafana noMdlambila obengumbaseli, baye balikhomba nabo ilifa kwakunye nentlawulo ababeyincwasile. UThantaswa ugqibela elizwa ngokufa kunye noMfuneko besifa ngokudutyulwa nguThantaswa ngokuzibona ukuba akusekho nto bakuba bayifumane.

- uSiphongo obencwase ukufumana imali ngokutshisela uMapheza ongumphandi wetyala endlini yakhe ufumene esona sohlwayo ngokuthi kanti etshisa nje ngunyana wakhe lo amtshisela endlini. Kaloku ebengafuni

kumbona osendlini ukuze naye angamboni. Ugqebheke olungophiyo kuba nemali abeyisebenzela akakhange ayifumane.

- uMapheza obegcayiselwa kuba elipolisa elikhusela umthetho uphume etshaya kuzo zonke izigcayiselo abegcayiselwa ngazo nguMfuneko noThantaswa wagqibela elipolisa elisebenze ngempumelelo lade lafumana intshinga ngokubhentsisa ulwaphulo mthetho.
- uNontsikelelo onqande ulwaphulo mthetho ukuba lungenzeki usuke wafumana eyona nto wayengazange ayicinge indlu yonke kube ebesebenzela ukuba umthetho uphumelele.  
[Nayiphi impendulo echanekileyo ehambelana nombuzo yamkelekile.]

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- 7.1 UThantaswa wayemtshata uMsindisi kuba wayebona ukuba usisityebi esinemali eninzi atsho abe yinxalenye okanye angaze alambe kanti uMsindisi yena wayemtshate uThantaswa kuba wayembone emhle efuna ukuba amzalele abantwana abahle njengaye.√√ (2)
- 7.2 Ingxelo kaGqirha Chiandra ithe uThantaswa akanakukwazi ukuphinda afumane abantwana ngenxa yengxaki engaqhelaknga yokukhawula anayo. yokuba xa enokukhawula kwakhona ubomi bakhe bungasesichengeni.√√ [Qaphela: impendulo ethi akanakukhawula ayichanekanga kuba naku kude kuthiwe uMsindisi makasebenzise ikhondom] (2)
- 7.3 linjongo zikaThantaswa zobomi ibikukuba nomyeni osisityebi naye atsho abe sisityebi kodwa uthe ngokufuna oko wayifihla inyani yokuba unaye umntwana aselekhe wanaye waze ugqirha wasebenza ngolwazi olungaphelelanga ukumnceda.√ Oku kudale ukuba aziwe engenako ukuba angafumana umntwana kwakhona kwaze oko kwamkhokelela ukuba ngenxa yokufuna imali ebuyelane noMfuneko omenze wagxothwa nguMsindisi laphela ithemba lokuba angangowakhe kwakhona wangena kwiyelenqe lokubulala uMsindisi ejonge kwakule mali√ isenzo sakhe esilandelayo sibe sesokuhambisana necebo likaMdlambila ekuthe kanti nalo liza kuphanza akayifumana imali kuba kwathi kanti uMsindisi sele emhambele ngaphambili.√ [Nasiphi isibini esichanekileyo siya kwamkeleka] (2)
- 7.4 UNonkanyiso ngokwale noveli uzibonakalisa engumama okhusela kuphela iinjongo zentombi yakhe kulo mtshato ade ahambisane nentombi yakhe nokuba sele ilahleka ngeengcinga nangokwenza.√√ (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 7.5 Sikwinqanaba loyondelelwano lwezinto√ (1)
- 7.6 NguNozizwe oxelele uThantaswa ukuba kuneentlanganiso ezimana ukubanjwa xa engekho yena kwaye kuthethwa ngokuthatha isithembu.√√ (2)

- 7.7 Udlulisa umyalezo wokuba uthando luyasetyenziswa lufihle okubi naku uMfuneko ebuyela kuThantaswa kuba efuna ilifa likaMsindidi kanti noThantaswa ubuyela kuba efuna kuphumelele icebo lokubulala uMsindisi afumane imali.√√ (2)
- 7.8 Sesokutyiswa ityhefu nguNqoza.√ (1)
- 7.9 Yinjongo yokumkhupha esibhedlele amse emxhweleni eliza kumtshisa ngovutha.√√ (2)
- 7.10 Sisekubeni babebona impumelelo ngokumkhupha esibhedlele uMfezeko bamse etyotyombeni kuba wayeza kufa suka isiphumo sasesokuba uNontsikelolo kwathi kanti umkhuphile ityotyombe latsha ngaphandle kukaMfezeko.√√ /Sisekubeni uSiphongo wayecinga uya kutshisa uMfezeko suka kwatsha unyana wakhe yena Siphongo√√/ Sisekubeni uMfuneko noSiphongo bacinga ukuba bamgqibile uMfezeko kanti ngabo abaza kugqitywa nguMfuneko.√√
- [Nayiphi impendulo echanekileyo ehambelana neziganeko zale mini] (2)
- 7.11 Kuba eli bali lisungulwe ngesiganeko solwaphulo mthetho.√√/ kuba kukho ukhuphiswano phakathi komntu womthetho kunye nepolisa lomthetho.√√ Kunguqulukubhode abanemipu nemali okanye enye yazo beveza amandla abo abe namapolisa kwelawo icala esithi ngumthetho onamandla.√√/ Kuxhaphake ukubakho kolunqa malunga nokuba kanye kanye ngubani esi saphuli mthetho.√√/Akubikho bunzulu bunikwayo ngesenzo eso simasikizi.√√/ Kukho umlinganiswa ozenzo zihle osebenzisa umthetho ukohlwaya ozenzo zibi.√√/ Isenzo sokubulala sinjolulwa lipolisa elinobuntu.√√
- [Nayiphi na impendulo echanekileyo] (2)
- 7.12 Yingcinga yokuba uyawazi amagqwirha afuna ukubulala uMfezeko√√ (2)
- 7.13 Ngumlinganiswa ongumchasi√ kuba ulwa nokulusiphula neengcambu ulwaphulo mthetho olugquba kule ncwadi.√√ (3)

**[25]**



**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Umbhali ngale ncwadi ubhebhetha umkhwa wokungakwazi ukuzithathela izigqibo ezizizo kwangethuba ebomini.
- Uthi lo mkhwa ukufaka engxakini kuba ngeli xa ungazithathiyo izigqibo abanye abantu bayazithatha kwaye ziyakuchaphazela okanye bazithatha egameni lakho uze wena untyumpantyumpeke kwiingxaki ezingenziwanga nguwe.
- Ukusetyenziswa komlinganiswa onguTholelegqwirha ngempumelelo ukwenza oku kulandelayo:
- Ube neenjongo ezintle zokuba ngumfundisi ngenye imini.
- UThemba ongumhlobo wakhe umnunuse ngotywala akakwazi kuthi “hayi” suka waye enyusela ngokunyusela ukukhala.
- Uyalala akugqiba ukukhala avuke ebhayi apho ahlangele noNomsa omthathale isigqibo sokuya kumbona suka wahlangana noJoe.
- Ugagana nemigulukudu kaJoe yaseBhayi ade athathe isigqibo sokuncama loo msebenzi alishiye ibhayi.
- UJoe neqela lakhe bamenza wazibona sele ethatha sigqibo sokusebenzela inkosi akuba esindisiwe yimigulukudu kaJoe.
- UThole uphinda athathelwe isigqibo nguSonwabo esiye kumfaka ezingonyameni eknysna apho asinde cebetshu de abone abahlobo bakhe besidlo seengonyama ejongile.
- Utyiwa yindlala, azenze igqirha, akuba nemali uyayolelwa kodwa amaphupha angamphumzi.
- Utsalwa yingoma yecawa egqitha, angene kufundwe ilizwi lonyana wolahleko. Uthatha isigqibo sokuthengisa imfuyo yakhe agoduke.
- Uyaphumelela ebunzimeni nanjengoko sisazi ukuba wade waba nguye umfundisi.
- Apha ekuqhubekeni kwebali kuye kwafuneka athathe isigqibo sokutshintsha aze amelane nemiceli-mingeni enobuzwe ayibekelweyo kwindlela yakhe yobomi.
- Kwinoveli kufuneka athathe isigqibo angagqibeli le meko yodwa koko ajonge iindlela zakhe zangaphambili, kwaye ahlule phakathi kwento entle nemi.
- Uneziyalo ezizezi ukukwazi ukuzixhuthuluzisa uzikhwebule kubantu abangeloncedo kuwe kwaye ungathethi kakubi bayakuhlomphe- “Uxolo madoda”, “uxolo Mfondini. Amazwi okuzikhupha engxakini akabi maninzi.”
- Ulenza ibali lakhe libe libali lesigqibo ngolu hlobo;
- Usebenzisa le mixholwana
- Inkolo yobuKrestu- ubuWesile (umxholwana weenkolo zonke ezikholelwa koPhezu kOnke)
- Ukuthatha izigqibo

- Ukumamela abanye abantu
  - “ithemba” eliphilisayo
  - Ukubaluleka kwefundo
  
  - Utywala ebebumele kumonwabisa bumlilisa esikrakra de kuxhalabe wonke umntu.
  - Intetho zikaThemba ” unako na ukuhamba emalahleni uze ungatshi.”
  - Uyazisola abaqalekise utywala akhumbule la mazwi angentla ebhayibhile.
  - UThole uthatha isigqibo sokuba angaphinde abuphathe utywala asilandele.
  - Isenzo sokubethwa akasiqalekisi koko uthi “yimisebenzi kaThixo umbuyisa kwiindlela zakhe ezitenxileyo”.
  - Uthatha isigqibo sokugoduka.
  - Iitshomi, ooThemba bayavela imoto imse kumahlathi aseKnysna- uyagqityelwa.
  - Isifundo – “nyana wolahleko” eligqirha abinza ngokwekrele.
  - Isigqibo sokuthandana noNomsa ongakhohlwanga sichithwa xa eza kungena kwaNomsa kuvela umfo wakwaSigxabhayi eshumayela” umntu unokuwuthatha na umlilo awuse esifubeni sakhe zingatshi na iingubo zakhe kutsho kuthi kriphu uvalo kuThole.
  - Xa eza kuhlangu noNomsa ukhumbula amazwi athi” umoya uvela ngaphambili.
  - Umthandazo wesithembiso sokuyisebenzela inkosi.
  
  - Uthatha isigqibo sokufunda aye eDikeni.
  - Ufumana inxaxheba yokufunda elinye ibanga ngaphandle kwemali.
  - Uzimisela enkonzweni-anikwe inkonzo yesiXhosa.
  - Uba nguSihlalo weSCA.
  - Waba abafundi amabashumayeke kwaneetitshala.
  - Ushumayela agqithe bonke abashumayeli.
- [ Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

- 9.1 uThole wayefuna ukuthetha ngokuphindela esikolweni kanti uFikizolo yena ufuna bathethe ngokufuna umfazi. √√ (2)
- 9.2 Wathi akubethwa nguJoe neqela lakhe wayibona imfuneko yokugoduka.√√ (2)
- 9.3 Uye wathi ezazi ukuba ufuna ukuba ngumfundisi wakhe wahuhutheka nabahlobo bakhe uThemba noSonwabo besela waya kutshona eBhayiengaqondanga√ apho uthandene noNomsa omngenise kumgibe wokubethwa ngooJoe waphantse wafa√. Ubuye walandela ooThemba eyawangaqondanga waphelela eKnysna apho asinde ekuqwengweni ziingonyama.√  
[ Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 9.4 Wayelinxila elincanyiweyo elingasakwazi nokuzibamba sele lingcangcazela.√√ (2)
- 9.5 Likwinqanaba loyondelelwano lwezinto √ (1)
- 9.6 Nguye owamxhasayo kumnqweno wakhe wokuphindela eskolweni. √√/  
Wayemane emthumelela imali ngexesha eseDikeni.√√  
[ Nayiphi na kwezi] (2)
- 9.7 Udlulisa umyalezo wokuba imfundo ayigugelwa.√ Kuba nanku uThole efunde sele emdala kodwa uye waphumelela emagqabini wogqitha abantwana abancinci ebefunda nabo.√ (2)
- 9.8 Uye wothuswa yintshumayelo kamfundisi engethemba emenze wacinga ngenkosikazi yakhe uNofundile kunye nonyana wakhe owabagqibela kudala, wawa wafa isiqaa.√ (1)
- 9.9 Wayeze kubona lo mfundisi ungunabamlonyeni kuthiwa ufana naye kwaye ngumXhosa.√√ (2)
- 9.10 Sisekubeni engumfundisi ohloniphekileyo nje namhlanje unendlela ende usuka kunxila/ usuka kuba ligqirha/ usuka kuncanywa nguFikizolo kuba emdala engenakuba safunda/ usuka kusinda okanye usuka kucingelwa ukuba wafa nooThemba ngokuqwengwa ziingonyama.√√/ Sisekubeni engumfundisi namhlanje nje uzalwa ngamaqaba kwaye wayeliqiqisholo leqaba elingazinto ngecawa ade abe negama lakhe lokuzalwa wayenguTholelegqwirha. √√  
[ Nayiphi na kwezi] [ Khumbula mawavele omabini amacala esigqebelomabini] (2)
- 9.11 Kuba le noveli iphethe ibali elingemiba yentlalo equka ithemba. √√ Kuba I iinzame zokutshintsha kwiindlela ezigwenxa/indlela eya empumelelweni√/  
Kuba le noveli iphethe ibali elingentlupheko. √√ (2)
- 9.12 Yingcinga yokuba uyabafanisa.√√/ Yingcinga yokuba kukho iimpawu anazo zikaThole zibona nakuBawo uMkwayi.√√ Yingcinga yokuba uThole akanawo yena umkro anawo uThozama ngoyise. √√ (2)

- 9.13 Ngumlinganiswa oyintloko ✓/ kuba zonke iziganeko ezikule ncwadi zingqonge yena. ✓✓/ Ngulinganiswa oliqhawe ✓ kuba nguyey otshintshayo esuka kwiimeko ezinzima zentlupheko nemikhwa engalunganga ahambe aye kuphuma empumelelweni. ✓✓  
[Nayiphi na kwezi].

(3)

[25]

## UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpindulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

### Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

Umbhali ubuchasile ubumpimpi kuba umlinganiswa obetyholwa ngobumpimpi umenze waphumelela baze abo bebeziimpimpi bafumana izohlwayo. Umzekelo ngonguMfazwe othi noko eninwa ngabahlobo bakhe liphele ibali evuzwa ngokuzinikela ekulweleni amalungelo abantu bakubo noko kusithiwa uyimpimpi.

- UMfazwe akutyholwa uyacalulwa kodwa akhuthazwe ngabamaziyo ukuba akayiyo impimpi.
- UFriday umenza ikheswa akafunwa ngumntu wonke.
- UMfazwe uyabanjwa kuba kusithiwa unyola umbuso. Uyabethwa aze aye kuvalelwa esiseleni.
- Esiseleni uva kubhomboloza umntu obethwayo lize lithi ipolisa eliye langena esiseleni sakhe limxelele xa ebuza ngesi sikhalo ukuba nguyey olandelayo.
- Uthotywa isidima ngokugungxwa apha entloko ngengxowa enuka umchamo aze atyhalwe ukuya kufakwa evenini ngasemva.
- Ngelo xesha asiwa evenini uyabethwa.
- Uhlaliswa nenja amane engqubeka kuyo itsho imngqavule.
- Uye kothulwa kwesinye isitishi samapolisa ngokungekho similweni kwaye amapolisa embetha emkhaba kananjalo.
- Esiseleni uye wangcanjziswa kusithiwa angasinda ukuba angaba yimpimpi yawo waze wema entla.
- Emva kokubanjwa kwakhe uMfazwe akuzange kuphinde kubekho kuzola kwaQaka, amapolisa encediswa nguFriday owayeyimpimpi yamaBhulu ayesoloko esemva koMfazwe.
- Ukubuya kwakhe ekuvalelweni kuzizixholoxholo kwaQaka akukho kuzola kufa abantu abangenatyala.
- Indlu yakowabo iyatshiswa.
- UFriday noMfazwe yinyoka nesele kwaye apho ahamba khona uzama ngandlela zonke ukumgqithisa amafu.
- Kwintlanganiso eyayisesikolweni awayekhona noFriday, akungena uMfazwe uzifumana ukuba akamkelekanga, uphepha-phephana namanqindi neempama de abaleke.
- Ekuhlaleni akaphathekanga kakuhle mpela-mpela ngooFriday abaziimpimpi zamaBhulu.

- Uthi naxa eyokuzifihla kwimoto endala kwatathuGaba ooFriday bamzingele akhethe ukuphuma kulo moto ngokwenza amacebo alusizi.
- Emngcwabeni kaMachule akukho kuzola ngenxa yamapolisa. UMfazwe uphephana neembumbulu.
- Sele kubuyiwe emangcwabeni akukho konwaba kuMfazwe kangangokuba ude ahambe kuba ezingelwa aye kuzifihla kwamfundisi uHlathi.
- Esazimele enjalo ufikelwa ngooSiphiwo bemxelela ukuba makahambe uyafunwa ngamapolisa namajoni.
- Apho ahamba khona uMfazwe akonwabi kuba ubizwa ngokuba uyimpimpi.

[ Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]

## UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

- 11.1 UMfazwe wayenenjongo zokufundisa abafundi ngoMzantsi Afrika ngeli xesha amapolisa ayeneenjongo zokubamba umntu owenza iinzame zokuba umntu omnyama abone inkathazo eyayisenziswa ngumbuso welo xesha. √√ (2)
- 11.2 Umcebise ukuba angayi kuyowela kwizibuko njengoko lingumqolomba olingcwaba labaninzi koko anyuke apha entabeni athubeleze elucingweni.√√ (2)
- 11.3 Kulibeke kwindawo apho isizwe sonke siphela siye sayifumana inkululeko nangona kubekho amanzithinzithi endleleni yakhe. √√ (2)
- 11.4 Yayikukuba wayeyimpimpi ehambisana namadlagusha, wayengunobangela wokufa kwabantu, impalalo gazi , ukuxhatshazwa kwabantu abamnyama ngenxa yobumpimpi bakhe. √ (2)
- 11.5 Likwinqanaba loyondelelwano lweziganeko√ (1)
- 11.6 Unike uMfazwe amayeza aza kumkhusela kuloo ndlela.√√/ Ngokumlumkisa ngezondlela ezinobungozi.√√ (2)
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 11.7 Udlulisa umyalezo wokuba ayekhohlakele.√ ngenxa yezinto azenze ebantwini ukuquka noMfazwe√/ Angqinwa nangumzingeli owayesakuba lipolisa naye engekathathi umhlalaphantsi.√ (2)
- 11.8 UKhonjwayo ubethwe nguMfazwe ngempama wawa wajijek umlomo wabhedulula amehlo. √ (1)
- 11.9 Kukuyofunda ngezomzabalazo. √√ (2)
- 11.10 Sisekubeni wayengamhoyanga uNokuzola ecinga ukuba ungenwe nguFriday kanti ukhawulwe ngenkwenkwe eyiyeyakhe ngqo. √√ (2)
- 11.11 Kuba isekwe kwimbali neemeko ababephila phantsi kwazo abantu ngexesha lengcinezelo.√√/ Igqamise ukulwela impathombi phantsi kwesandla sengcinezelo.√√ (2)
- 11.12 Yingcinga yokuba wayesoyikiwa kakhulu ngamanye amaqabane.√√ (2)

- 11.13 Ngumlinganiswa oyintloko√kuba zonke iziganeko eziqhubeka kule ncwadi zingqonge yena.√√  
[ Naluphi na uphawu oluchanekileyo oluxhasa umlinganiswa oyintloko lwamkelekile]

(3)

AMANQAKU

25

## UMBULO 12 (UMBULO OSISINCOKO SONCWADI)

### UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – NNN Swana

Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.

Mazamkelwe iimpindulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina. bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.

Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.

Jonga kwirubrikhi ekwiphapha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

#### • Umfundi makachankathe kwezi ngongoma zilandelayo:

- Bangachaza iintsomi/ iingoma/ amaqhalo/ uncwadi lwemveli/ imbali kaNtu.
- Kulindeleke ukuba umviwa ayingqine angayichasi le mbono.

#### Izibongo ezivela kwimbali kaNtu.

##### Intaba kaNdoda.

- Xa ubani efunda lo mbongo uyifumana yonke imbali yokuba kwenzeka ntoni ukuze lo mhlaba kuthiwe ngumhlaba kaRharhabe.
- Imbongi ide itshintshe isimbo sayo sokuncoma iguquke ibalise ithi” Ngemihla yantlandlolo nditsho mandulo” ukubonisa ukuba ingena kwimbali yale ntaba.
- Ibalisa ide ixele isizathu sokuba uRharhabe aye kuma kuloo ntaba. Isizathu sokuba babeqephuke kuGcaleka bezipha amathafa.
- Kule ntsomi kufunyanwa imbali yemfazwe eyaliwayo nemingeni abahlangana nayo.
- Kunikwa inkcukacha yemfazwe umzekelo ukungenelela kwabaThwa xa amaLawu ayebonakalisa ukoyiswa.
- Amasikizi awayelapho siwabaliselwa ngulo mbongo ukuya kuthi ga ngendlela uRharhabe awenza ngayo uxolo namaLawu awayesele engafanga kuloo ndyikitya.

##### Amaxesha akudala: M.G.Bici

- Lo mbongo uvelisa nje intlalo nendlela ekwakuphiliswana ngayo kudala.
- Lo mbongo uphambili ekuthelekiseni okwakudala nokwangoku. Umzekelo ukufa kwakunqabile kudala kodwa ngoku kuhleli kuhleli kumzi ngamnye.

##### Iintsomi ezivela kwimbali kaNtu

##### Imbali kaNxele

- Le ntsomi isuka kwimbali kaNxele angayinabisa ke ubumbali bayo ukusukela kwisizathu sokuba uNxele ukuya kuthi ga kwisaci esaphela sikho ngenxa yayo.

##### Ukuthetha uNongqawuse

- Nalapha umviwa angacazulula imbali ade aye kufika kwisaci esithi uthetha uNongqawuse.

- **UGxuluwe naBathwa**
- Nalapha umviwa angabalisa le mbali ade aye kuma ngesaci esithi “amazwembezwembe kaGxuluwe”.

**Izaci ezivela kwimbali/ ezabakho ngenxa yembali.**

- **Ukuza kukaNxele:** sisaci esivela kwimbali yokuza kukaNxele asenokuba eyikhankanyile ngentla.
- **Amazwembezwembe kaGxuluwe:** sisaci esivela kwimbali kaGxuluwe nabaThwa asenokuba seleyikhankanyile ngentla.
- **Ukuthetha uNongqawuse:** sisaci esivela kwimbali kaNongqawuse asenokuba eyikhankanyile ngentla

( Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka)

[25]

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI - NNN Swana**

- 13.1 Ngenjongo yokwabela izilwanyana imibala.√√ (2)
- 13.2 Ngumqondiso wobumsulwa/ wobunyulu/ wezinto ezintle.√√/wokukhanya kwezinto ebomini.√√ (2)
- 13.3 Akukho silwanyana sidalwe sasulungeka ngokupheleleyo.√√ (2)
- 13.4 Iqwarhashe liyayazi into yokuba ubomi bunamacala amabini . Ngoko ke liyikhethe ngobulumko imibala emhlophe nemnyama.√√ (2)
- 13.5 Aluthembekanga.√/ Alunamqolo.√/ Alukwazi kuma ntweni.√ (Nasiphi na isibini) (2)
- 13.6 Zonke izilwanyana zikhetha imibala ukuze kungabikho lula ukufumaneka/ ukubonakala kwiintshaba zazo.√√ (2)
- 13.7 Zohluka ngokuba imibala noko ifana, ingafakwa ngokufanayo isenokuba yimigca kwabanye,ngamachokoza okanye izangqa. √ (1)
- 13.8 Isifundisa ukuba ukungazazi eyona nto uyifunayo kwenza ukuba ufune ube yinto engaziwayo/ Isifundisa ukuba singabantu masibe ngabantu abanomqolo. √√ (2)
- 13.9 Iyicela ngokubetha ikhwelo.√/ ngokuthi Viiityoooo√ (1)
- 13.10 Yimvano siphelo.√ (1)
- 13.11 Siphuhlisa ubuninzi babantu abafayo.√√ (2)
- 13.12 Lwesibongo somthonyama.√ Lwesibongo.√ (1)
- 13.13 NguNelson Rholihlahla Mandela√ NguNelson Mandela √ (1)
- 13.14 Kukukhalimela umkhwa wabamnyama wokuphathana gadalala kwabodwa.√ (1)
- 13.15 Imbongi ithi igqibile ukubonga.√ (1)

- 13.16 Umxholo wesi sibongo ungokubaluleka kokulwela amalungelo.√√ ungoNelson Rholihlahla Mandela owalwela inkululeko yabantu abamnyama beli√√ Ungokubaluleka kokulwela amalungelo abantu bangahlehli nokuba ixabiso lokuwalwela lithini.√√

(2)  
[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25

### ICANDELO C: IDRAMA

#### UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

##### *BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa*

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpindulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

##### **Umfundi angachankatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Amagama akwisihloko sencwadi amabini “Buzani kubawo” asetyenziswa nguGugulethu kumzabalazo wakhe wokulwa ukunyanzeliswa nguyise ukuba atshate intombi angayithandiyo, ngokuthi kumbuzo ngamnye awubuzwayo ukujiya kwebali aphikele ukunika impendulo ethi “buzani kubawo” ngelithi asisosakhe esi sigqibo sesikayise kwaye nguye omakasingathe iziqhamo neziphumo zezenzo zakhe.

- UZwilakhe uthe akuthi uMaGaba uyamthanda uThobeka ukuba angangumolokazana wakhe qha akanamandla okuyimela loo nto, ayinxibe aqine uZwilakhe yena ayimele sele enqandwa likhaya lamaHlubi noGugulethu ngokwakhe.
- Ubiza uGugulethu ambuze ngokuthatha inkosikazi, uGugulethu aphenndule ngelithi yena ebelinde kuye uZwilakhe. UGugulethu akubuzwa nguZwilakhe ukuba usafuna ukufunzelwa na, usebenzisa eloo kroba azifunele intombi ayithandayo- uNomaMpondomise.
- UZwilakhe uzalela endle akuboniswa ngamaHlubi ngempazamo ayenzayo.
- Ulikhupha litsole uZwilakhe elokuba kuza kwenziwa le nto ifunwa nguye akazukuzala umntwana aze azibone elawulwa kwanguye.
- AmaHlubi ayahlulelana xa uMthetho evelisa ubungozi bokunyanzela umntu ngokumtshatisa nomntu angamfuniyo, eme uZwilakhe kwelithi makube waphule isiko umthetho ngokubuzwa kumfana loo nto. NoZweni uyayiveza into yokuba amaxesha ngamanye abethe ngenqindi phantsi uZwilakhe.
- Uyithetha le nto uZwilakhe ekho uGugulethu xa ebuzwa ukuba uthini yena impendulo kaGugulethu ithi mababuze kuyise uZwilakhe, qha ebesithi yena makayekwe azibonele intombi.
- Uyaqhuba umtshato kaGugulethu noThobeka, ngomhla womtshato umyeni uzibophe isandla sokunene, angazibopheleli ngokutyikitya amaphepha omtshato.
- Umfundisi njengokuba xa etshatisa ebuza kumfana ukuba uyayithatha na le ntombi, impendulo kaGugulethu inye yethi “buzani kubawo”



- Iyamxhalabisa le mpendulo umfundisi ngelithi le into iza kuba neziphumo ezibi kudala watshatisa kodwa uyaqala ukudibana nemeko enje.
- UNomaMpondomise oyintombi azibonele njengomfazi wakhe uGugulethu, uzibulala ngokuzeyelisela emlanjeni akuba etshatile ngenxa kaZwilakhe. Naleyo uGugulethu uyikhomba kuyise njengembali. Nanjengokuba ukufa kukaMzamo nako ekwabele kwayena.
- Akufika uThobeka, emva kweminyaka ehamba nehlokondiba labantwana abathathu, uGugulethu ubabulala ngokubaxabela ngezembe bonke, akugqiba azise emapoliseni naleyo athi mayibuzwe kuyise oyimbangi uZwilakhe.
- Mhla ngetyala uGugulethu ugwetywa intambo, kubhubha uMaGaba ngokuzityisa ityhefu. Iba yiloo ndyikityha yokufa ngenxa kaZwilakhe ongafuni kuva mntu.
- Umantyi ochophele ityala akuwalandela amazwi kaGugulethu ophendula ngokuthi “buzani kubawo” uyamfumanisa unozala wale ntetho atsho anike iziyalo kuZwilakhe nabazali bonke ababekho enkundleni ngobungozi bokunyanzela abantwana ngomtshato.
- Ekugqibeleni ngelokuzisola/ ukuzohlwaya, uZwilakhe ucela ukuba kuxhonywe yena endaweni kaGugulethu kuba ungunobangela woku kuhlileyo kodwa uMantyi angavumi, aze abe ushiyeka neso singqokru nanjengoko bonke abantu befile ngenxa yeenkani zakhe.

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]

**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)****BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa****ISICATSHULWA A**

- 15.1 Ngowokuba abazali bambona umfazi njengomntu omakaziwe ngesimilo ngeli xesha uGugulethu yena abeka uthando phambili.√√/ Abazali babona umfazi njengomntu ekufuneka ethandwe nguMagaba kanti uGugulethu ufuna athandwe nguye buqu.√√ (2)
- 15.2 Bonke abantu bathetha ngaye. √√ (2)
- 15.3 UGugulethu wachasa kuba kwintlanganiso yamaHlubi wasenza isicelo sokuzikhethele nintombi√√/ waqalisa ukuthi makubuzwe kuyise yonke into akube uyise engvumanga ukuba azibonele.√√  
[ Impendulo exhasa ukuba wachasa echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
- 15.4 UThobeka unaso isiphako noko ebonwa emhle nje ngabazali kuba oku kuba nguvuma zonke kwakhe kububungqina obaneleyo kuba iziphumo zokuvuma kwakhe konke zaba zibi.√√  
[Nabuphi ubungqina obusencwadini obuchanekileyo ngoThobeka buyakwamkeleka] (2)
- 15.5 Sityhila ukwahlulelana kwamaxesha ngokwezizukulwana. √ (1)
- 15.6 Zange sibe siphumelele kuba uGugulethu buqu zange amtshate uThobeka wabopha isandla ngemini yomtshato yaze yanguZwilakhe osayina amaphepha omtshato. √√ (2)
- 15.7 Uva ngomfazi /Uva ngoMagaba/ Uyakoyika ukuphikisana noMagaba.√√ (2)
- 15.8 Uchanekile kuba uGugulethu eneneni akazazi enanto imhlanganisa noThobeka√√/ Uchanekile kuba uyamangala ukuba uThobeka uza njani kuye esazi ukuba akukho nto wayekhe wayithetha naye enokude imenze aphazame eze kuye. √√
- OKANYE**
- Awuchanekanga kuba wayezibonile uGugulethu ngoku wayetshatiswa nguyise noThobeka./ Awuchanekanga kuba uvakala njengempoxo kuba uGugulethu uyayazi yonke ingcombolo ngoThobeka umfaka kwingxaki engenziwanga nguye yena uThobeka. √√  
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
- 15.9 Isilingo yimeko yokwenziwa ahambe nabantwana abangengobakaGugulethu abase kuGugulethu ongamaziyo kwaThobeka lowo nabo bantwana kuba ezazi ukuba wayengamtshatanga uThobeka ofika sele enabantwana.√ (1)
- 15.10 Kuvela isiphelo sabalinganiswa abaphambili.√/Kuvela unobangela wokubhalwa kwencwadi.√  
[ Nayiphi impendulo echanekileyo ehambalena nophawu olukhoyo kwisicatshulwa lwenqabnaba lesiphelo] (2)

- 15.11 Ngabantu abadala√ kuba kufuneka bazi ukuba indlela izinto ezazisenziwa ngayo ngexesha labo akukho mfuneko yokuba zenzeke ngayo nangelabantwana ixesha. √√/ Lulutsha√ kuba kufuneka bafunde ukuzikhwebula kwiindlela zokusombulula iingxaki ezinobungozi. √√  
[ Nayiphi impendulo echanekileyo.) (3)
- 15.12 Luluvo lokuba abantwana bayathula nje ngesizathu sokuba bethobela abazali kungekuba bayayivuma into leyo bayenziswayo.√√/ Luluvo lokuba kuyingozi ukuthula usiva ukuba into eza kugqibela isenziwa kuwe okanye nguwe unghambisani nayo. √√ (2)
- 15.13 UGugulethu wathatha izembe wagawula bonke abantwana bakaThobeka noThobeka√ √/uGugulethu wabulala uThobeka nabantwana bakhe abathathu ngezembe.√√ (2)
- [25]

## UMBULO 16 (UMBULO OSISINCOKO SONCWADI)

### INDLALA INAMANYALA – M Lamati

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpindulo ezahlukeyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukeyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

### Umfundi angachancatha kwezi ngongoma zilandelayo:

Isihloko sencwadi esithi Indlal'inamanyala sinika intsingiselo yokuba bantu benza izimanga ezingathethekiyo ngenxa yokuba befuna ukuzikhupha endlaleni. Esi sihloko umbhali wencwadi usiqaqambisa ngokusibhala ngoonobumba bakhulu apha encwadini xa sisemsebenzini okanye iziganeko zihambelana naso. Kungenjalo ubenza abalinganiswa basikhumbuze ngamazwi abo ukuba ngenene indlala inamanyala xa besenza izimanga okanye nabo bangakholelwa zizenzo zabo ezigwenxa ngenxa yokuba befuna ukususa ikati eziko.

- Zisuka nje uMagrazula ixhwele elaziwayo lithengisa iintloko zabantu.
- Lelinye eli lokuba uMagrazula ezityhila ukuxhomekeka kangaka kuDlezinye akube esisicaka sakhe.
- Bagqiba ukuba ekufadalaleni kweshishini leentloko bashishine ngeentsana basebenzise abafazi kuba nangona bengenasibindi kodwa abanakukrokreleka lula.
- KwaMamQhinebe, uSiqhiwu ufundile akafumani msebenzi unina ucebisa ukuba anyobe ukuze afumane umsebenzi. Akayingeni konke konke into yokunyobela ukunikisa ngengqondo nemfundo yakhe.
- UMaGatyeni noMamQhinebe batyhila imeko yabo yentlupheko abakuyo yokungabi namadoda bashiywa ngamadoda beselula bagqiba ekubeni baphindele emithwalweni erenkini.
- Xa becinga ngokufuna inkamnkam nayo ifuna ukuba benze into nokuba ayiphelelanga ukuze bayifumane.
- USiqhiwu sele ecinga ngokukhuthuza ngenxa yendlala.

- UDlezinye uya kwaMalunyawana ufika engasenabo nobusecepheni ububele.UMalunyawana uneshishini lokuzoba abantu iibuso abatshintshe babe yinto abafuna ukuba yiyo-athe ke yena wafuna ukwenziwa ixhego-indlal'inamanyala.
- UMaqhikizane ukwisikhundla sokuqesha abantu kodwa kufuneka umntu aqale anyobe phambi kokuba amqeshe.
- UMaqhikizane ufuna ukuba uSiqhiwu akhuphe ikhulu leerandi ukuze afumane umsebenzi njengoThembinkosi amkhalazelayo.
- USiphokazi naye ufuna umsebenzi aziswe nguSiqhiwu kuMaqhikizane osuke wafuna ukuba abe ngumfazi wakhe ngelithi isandla sihlamba esinye.
- Xa ezibona efuna ukuwa kwesi sicelo seli xhego uSiphokazi naye uyatsho ukuba 'indlal'inamnyala'.
- UMamQhinebe uzimisele ukwenza konke angekakwazi akuyalelwa nguDlezinye egameni lokuba sisityebi esingawothiyo umlilo- indlal'inamanyala'.
- UMaGatyeni umiswa phandle akasangeniswa apho aqhele kungeniswa khona nguMamQhinebe egameni lokususa indlala egqubayo kwakhe ephekwa ebugqubusheni.
- uMamQhinebe ufaka uMaGatyeni ngenkani kwishishini lokuthengisa iintsana bafumane amawaka babe zezingawothiyo umlilo batshintshe neendawo zokuhlala banyukele kwezingentla ngokwemibono yabo.
- UMamQhinebe uphume nakuloo nto yaloo Thixo kuba uthandazela ilize oko wathandaza kwaye noMaGatyeni makabone ngolo hlobo-egameni lokuhlukana nendlala.
- UMaGatyeni uyangena kulo mcimbi wokuthengisa ngeentsana ngokucengwa enyanzelwa, eqweqwediswa nguMamQhinebe akuzibona engathi angawa naye alitsho elithi Unamanyala ndlalandini!- ezibona ukuba uyeyela emhadini.
- USiqhiwu naye uyangqina ukuba 'indlal'inamanyala' xa elahlwa nguSiphokazi engafuni ukumncedisa ekubambiseni uMaqhikizane ngokuthengisa ngomsebenzi karhulumente ongowesizwe. Ingakumbi kuba uSiphokazi ngenxa yendlala uzibona enomoya wokunikezela ngaye kweli bobosi lexhego egameni lokufumana imali kulo.
- Umntu angenza nantoni na egameni lokuzikhupha endlaleni.  
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]

[25]

**UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)****INDLALA INAMANYALA – M Lamati****ISICATSHULWA A**

- 17.1 KuSiqhiwu indlala yinto yokususwa ngeendlela ezilungileyo umzekelo umntu afunde aqeshwe ngokokufunda kwakhe ukanti kuMaqhikizane indlala licebo lokukhuthuza amahlwempu kanye athathe imali zawo ade abaxhaphaze nasemzimbeni abangamntombazana aselula.√√ (2)
- 17.2 Sithetha ukuthi yonke imihla..√√ (2)
- 17.3 Zange abafulathele kuphele bagqibela bewufumene umsebenzi abantwana noMamQhinebe wawufumana nangona wayesiza nemali enegazi nje kodwa ngeliya xesha yayisiza imali okwethutyana.√√ (2)
- 17.4 Anyanisile kuba ngeli xesha nyhani ebomini babo kwakumnyama bengazi ukuba bophumela njani phi nini kodwa kwathi kungekudala lavela icebo lokubambisa uMaqhikizane ubomi babo batshintsha bawufumana umsebenzi.√√ (Nayiphi na kwezi) (2)
- 17.5 Sityhila ukufika kokhanyo apho abantwana bekwazi ukubona izinto ezifihlwayo bazilwele ezililungelo labo.√ (1)
- 17.6 Saphumelela kuba uSiqhiwu wade wambambisa uMaqhikizane waze wufumana ngokuselungelweni umsebenzi engadanga wamnyoba.√√ (2)
- 17.7 Unentliziyo entle ngokulwela amalungelo abanye engengowakhe yedwa√ nanjengoko walwela uSiphokazi nabanye.√ Unesibindi√ /uyayimela into akholelwa kuyo kuba wafunga akajika malunga nokungawunyobeli umsebenzi.√ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
- 17.8 Alichanekanga kuba abantwana baqeshwa xa benyobile okanye xa bevume ukuba ngamaxhoba okuxhatshazwa hayi iifani ezaziwayo. √√ (2)
- 17.9 Umgqwaliso ziimeko ezingalungisekiyo zendlala abaphila phantsi kwazo abazibona zililishwa.√ (1)
- 17.10 Kuba kwaziswa abalinganiswa abaphambili.√ kunye nemeko ezisenokuqhwitha zibe sisizathu seyantlukwano kule ncwadi.√ [ Nayiphi impendulo echanekileyo ehambelana neempawu ezikwesi sicutshulwa zengabula zigcawu.] (2)
- 17.11 Ngabahlolokazi.√ ngabantu abahlelelekileyo√/ ngabantu abazimisele ukuphila ngeentlungu zabanye abantu√/ Kuba kufuneka bafunde ukuba iindlela ezimfutshane zokusombulula iingxaki zinganesiphelo esibi.√√ (3)
- 17.12 Luluvo lokuba abantu ababhujelwe ngamadoda bayazisizela√√/ Luluvo lokuba abantu ababhujelwe ngamadoda bahlala benesikrokro ngokungathi kukho unyawo lwemfene koko kubhubha kwawo.√√/ luluvo lokuba ukubhubha kwabayeni babo bakuthatha njengento yangabom hayi isiphelo somntu wonke. √√ (2)

- 17.13 Bakhetha ukungena kumkhuba wokuba iintsana bazise exhweleni elinguMagrazula  $\sqrt{\text{baze baphelelea ejele.}}$  (2)

[25]

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**  
**AMANQAKU EWONKE: 80**

**ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBÉ [10 AMANQAKU]**

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO</b>	<b>5-6</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>0-1</b>
Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo indlela azakuzela ngayo ingxoxo ukuwulandela kakuhle umhobe.	-Isihloko sitolikwe ngokunzulu. -lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo Kusetyenziswa isihobe -Impendulo ibonisa ulwazi olugwesileyo lwesihobe.	-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo -Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko bekufanelekile -Impendulo ibonakalisa ulwazi lwesihobe.	-Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo -Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle -Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo -Impendulo ibonakalisa ulwazi olusisiseko sesihobe.	-Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo -Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko -Impendulo ibonakalisa ukuqhwalala kulwazi lwesihobe.	-Akanalwazi kwaphela ngesihloko -Impendulo ayikho mxholweni wesihobe. -Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe.
<b>6 AMANQAKU</b>					
	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>1</b>	<b>0-1</b>
<b>ISAKHIWO NOLWIMI</b>	-Isakhiwo siyathungelana. -Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo -Ulwimi ithoni, nesimbo zivuthiwe, zinomtsalane zichanekile - Igrama, upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana -Ukuthunegelana kwengxoxo kuyalandeleka. -Ulwimi, ithoni nesimbo zichanekile ubukhulu becala.	-Bukho ubungqina besakhiwo -Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana Kwezimvo. -Iziphene zolwimi zimbaw, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Ingxoxo ayicwangciswa ngokukuko. -Bukho ubungqina beziphene zolwimi. -Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga.	-Isakhiwo sife amanqe -Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga
<b>4 AMANQAKU</b>					

**QAPHELA:** Ukuba umviwa akawuchaphazelanga nakancinci umxholo, ubhale nje isincoko makanikwe i-0 kumxholo, isakhiwo nolwimi.

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO</b>	<b>12–15</b>	<b>9–11</b>	<b>6–8</b>	<b>4–5</b>	<b>0–3</b>
<b>15 AMANQAKU</b>	-Impendulo igqwesile. 14–15 -Impendulo ebalaseleyo. 12-13 -Ukutolikwa okunzulu kwesihloko -lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi. -Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi.	-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. -Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi.	-Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu. -Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko -Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka. -Ulwazi lwejenre/netekisi aluqibelelanga.	-Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo. -Ambalwa amanqaku axhasa isihloko. -Iimpindulo ezichanekileyo zimbawwa kakhulu. -Luncinane ulwazi ngejenre netekisi.	-Buncinci kakhulu ubungqina obubuzo ukuqonda isihloko. -Iimpindulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo. -Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke. -Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi.
<b>ISAKHIWO NOLWIMI</b>	<b>8–10</b>	<b>6–7</b>	<b>4–5</b>	<b>2–3</b>	<b>0–1</b>
<b>10 AMANQAKU</b>	-Isakhiwo siyathungelana. -Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo. -Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. -Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangcise ngendlela edala uthungelwano. -Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu.	-Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga. -Unamathelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene. -Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu. -Imihlathi ichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Izimvo azithungelelani kakuhle. -Iziphene zolwimi ziyabonakala. -Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga. -Imihlathi ineziphene.	-Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo. -Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo. -Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala -Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka.
<b>AMANQAKU</b>	<b>20–25</b>	<b>15–18</b>	<b>10–13</b>	<b>6–8</b>	<b>0–4</b>

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshela ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepa lesithathu, mnike u-0.